



## Imisebenzi

### Umsebenzi 1

1. Shwankathelani ibali elikwividiyo, nakugqiba nixoxe ngemfundiso yeli bali kumaqela enu
2. Xoxani ngobuntu (African philosophy of life) kumaXhosa. Ingaba ubuntu bunazo na izinto ezingamakhwiniba (flaws)?

### Umsebenzi 2

1. Thelekisani imfundiso engenkcubeko yamaXhosa oyifunde kweli bali kunye neyenkcubeko yenu.

Chaphazelani ezi ngongoma zilandelayo:

- (i) Ukwabelana ngokutya
- (ii) Ukwamkela iindwendwe emakhaya.

Ningachaphazela nezinye enikhe nifunde ngazo okanye niziqaphele ingakumbi xa nityelele amaXhosa kwilizwe lawo.

### Umsebenzi 3

Zalisa izikhewu ngokufakela amagama afanelekileyo, wandule ukuwaguqulela esiXhoseni. Bhala izivakalisi ezipheleleyo.

- (i) Nditya .....(food)
- (ii) bantwana .....(mine)
- (iii) .....mama (thank you)
- (iv) .....kakhule (go)
- (v) ...iindwendwe (they don't like)

### Umsebenzi 4

1. Funda esi sicutshulwa silandelayo esivela kwividiyo, wandule ukusishwankathela:

Mama: “O! Yhini! Mntan’am! Yhini ukuba nomona ngokutya! Into ebolayo! Le nto iyabola yakungen’esiswini.”

Yongezani nezinye izinto ezithethwa ngulo mlinganiswa ngomona, nishwankathele (summarize)

2. Nakugqiba ukusishwankathela, linganisani le ndlela athetha ngayo lo mlinganiswa okanye yenzani umdlalo ngaye. Yongezani nawenu amazwi okululeka abantwana abanomona.

### Umsebenzi 5

1. Ukuba ubungumama wabantwana abanomona kukuphiwa kondwendwe ukutya ubuza kuthetha uthini kubantwana bakho. Yongeza nawakho amazwi ungaxhomekeki kula uwave kwividiyo. Bhala phantsi uthi wakugqiba ulinganise (*dramatize*) indlela obuza kuthetha ngayo nabo.
2. Kumaqela enu xoxani ngento ekuthiwa xa ibizwa yi- ‘*individualism ne-collectivism*,’ nizekelise ngokuthelekisa inkcubeko yamaXhosa neyenu.

### Umsebenzi 6

Njengoko unokuba sele uqaphele ukuza kuthi ga ngoku amagama amaninzi esiXhoseni ayelelene ngokwezandi nenkangeleko.

Funda esi sicutshulwa silandelayo ulungise umhlobo wakho ozama ukuthetha isiXhosa njengoko esifunda esikolweni; lungisa amagama abhalwe kakubi:

- (i) Krila: Molweni madada (hullo gents)
- (ii) uligeza uze kulala (you may come anytime)
- (iii) Icici nale nto ityiwe ngulo mntu (it is small)
- (iv) Yhini ukuba nomona ngokuya (about food)
- (v) Kaloku bantwana bam kukumamela (it is to welcome)

### Umsebenzi 7

KwaXhosa kubalulekile ukuthiya umntwana igama. Igama lomntwana lidla ngokubonisa iinjongo zabazali ngomntwana lowo. Nika intsingiselo yawo onke amagama abalinganiswa abakwividiyo. Thelekisa ukubaluleka kwegama kwaXhosa nakwinkcubeko yakho.

## Umsebenzi 8

Guqulela esiNgesini:

1. Uhambe kakuhle Krila!
2. Ndiyabulela.
3. Ndiqumbile mna.
4. Ayilunganga into yokuba nomona.

## Umsebenzi 9

Phendula le mibuzo ilandelayo ngokuthi ukhethe igama elifanelekileyo kula uwanikwe ngezantsi. Bhala izivakalisi ezizeleyo. Yonke le mibuzo ibhekiselele kwividiyo:

- (a) Kungena bani kwaMamZima?
- (b) Abantwana batya ntoni?
- (c) Undwendwe lufuna ntoni?
- (d) Uyakha umona?
- (e) USipho uthi uza kuphinda alambe nini ?  
(ebusuku, undwendwe/uKrila, ukutya, imvotho, awakhi)

## Umsebenzi 10

- (a) AmaXhosa ngabantu beziduko. Xoxani ngeziduko ezine noba zihlanu enizaziyo zamaXhosa. Zisetyenziswa xa kutheni iziduko? Ukuba anizazi zikhangeleni kuGoogle.
- (b) Caphulani nakwezinye iividiyo iziduko.
- (c) Thelekisani inkcubeko yamaXhosa neyenu okanye ezinye iinkcubeko enizaziyo ngokuphathelele kwiziduko.